

Ibali likaVuyani noVuyisile



ngu Tozie Zokufa

Published by
The Humane Education Trust




ISBN 978-0-9869721-0-2

Illustrations: Pandora Alberts

The translation of this book into Xhosa
made possible by World Animal Net.

©The Humane Education Trust

All rights reserved. No part of this publication may
be reproduced, stored in a retrieval system, or transmitted in any form
or by any means electronic, mechanical, photocopying, recording or
otherwise without the written permission of the publishers.



Ngentsasa yangeCawa uVuyani noVuyisile babenxibe impahla zabo ezintle kakhulu besiya enkonzweni, notata wabo uVuyo Dikeni. Kwiintsuku ezimbini ezigqithileyo kwakushushu kakhulu.


Kwakukho nenkungu kusasa, kucaca nje mhlophe into yokuba nanamhlanje kuza kuba shushu. Bathi besahamba kweso sitalato sigcwele uthuli, utata wabo wema wahlola iigusha neenkomo zakhe. Wayevuyile ukuzibona zityebile kwaye zonwabile.

Umama uDikeni akazange aye enkonzweni ngalooCawa, washiyeka ngemva. Wapheka isidlo sasemva-kwemini (ipotyikosi) esiya sithandwa kakhulu apho ekhayeni.

Njengokuba imini yayiqina, izulu lali mathumb'antaka. Kwathi kuphakanywa kuculwa “avulekile amasango ezulwini”, uVuyani noVuyisile beva isandi sendudumo kude kufuphi. Kwathi xa umnumzana uDikeni namawele, bephuma enkonzweni, yabe seyichaphaza kancinci invula.

UVuyani no Vuyisile bavala amehlo abo bejonge phezu-
lu, bethanda loo machaphaza ayesitsho ebusweni. Babe phefumla nangakumbi betsala elo vumba limnandi lomhlaba omanzi.

Umnumzana Dikeni waye khathazekile yimfuyo yakhe. lindudumo zazisondele nganeno.



Kwaku baneka. Amachaphaza emvula ayesiba makhulu. Endleleni eya ekhayeni, utata waye khathazekile, kuba esazi into yokuba imfuyo yakhe, yayi soyika isandi soku duduma kwezulu.

“Masibalekeni kancinci”. Watsho kumakhwekwana akhe.

Bafika bemanzi tixi ekhaya. Umam'uDikeni wayephethe amalaphu okusula, elinde emnyango. Elo vumba laliphuma ngaseziko labenza into yokuba bavuze izinkcwe, kodwa utata yena wathi ufuna ukujonga imfuyo yakhe, phambi kokuhlala phantsi atye.


Ilanga litshona isachaphaza imvula. Utat'uDikeni wacela oonyana bakhe ukuba bamncedise uku harika iintsasa nesanti ebuhlanti, ukwenzela iigusha neenkomo zizo kulala zifudumele, zomile ngobo busuku.

Kodwa uVuyisile wathi: “Tata, ndidiniwe. Makakuncedise uVuyani.”

Umnumzana uDikeni waphoxeka bubuvila bukaVuyisile.

Waphendula wathi: “Kulungile, kodwa, nyana wam, uze nawe ungafuni nantoni na esuka kwimfuyo”. Ezilelele esitulweni, uVuyisile wathi kulungile ngentloko ezamla.

Uvuyani notata wakhe banxiba izikhusela-mvula.



Baya phandle baharika ezontsasa nesanti ebuhlanti. Ngale ndlela imvula iza kufunxeka ukwenzela imfuyo ilale kakuhle, hayi kwindawo egcwele amanzi.

Njengoko besebenza imfuyo yayimi bucala, isazi into yokuba izakulala ngoku-khululekileyo ngobo busuku.

Ngentsasa elandelayo umama wayepheke isidlo sakusasa. Amawele ayehleli etafileni apho uVuyisile wabona khona into yokuba umama ulibele ukumgalelela ubisi kwipapa yakhe.


“Ndicela udlulise ubisi”, watsho kuVuyani.



Wakhawuleza waphendula utata wakhe. “Hayi, Vuyisile”, watsho. “Khumbula kaloku, akukho nto ufanele ukuyifuna wena kwimfuyo”. Waqumba uVuyisile engathandi.

Ngesidlo sasemva kwemini esikolweni, uVuyisile waqaphela into yokuba esakhe isonka asinaso isonka-samasi. Wajonga isikhaftina somnakwabo esasigcwele sisonka-samasi. UVuyisile wavuka ingqumbo enkulu. Wayefuna ukulwa noVuyani, kodwa uVuyani wambona ukuba uqumbile.

“Ndiza kuxelela umama notata, umoshe wandiphatha, khumbula kaloku ukuba ndim oncedise utata izolo,” watsho uVuyani.



Ukuphuma kwabo esikolweni, bakufika ekhayeni uVuyisile wabona ukuba umama wayepheka umphokoqo. Wavela wayazi into yokuba ngobobusuku akazuphakelwa kutya. UVuyisile wayelinde utata wakhe abuye emsebenzini. Wabaleka ukuyo kumbulisa.

“Tata, ndingenza ntoni ukunceda imfuyo? Ndiyazi into yokuba bendingakhathali ndisonqena izolo. Ndisifundile isifundo”.

Umnumzana uDikeni wancuma, wathi: “Sifundo sini eso nyana wam?”

UVuyisile waphendula eneentloni: “Ndiyazi into yokuba andina kuthatha nje nantoni na efunwa ndim. Ubomi bobokunikela, njengoko ibobokwamkela,” watsho.

“Hhe ke kuhle, nyana, yiza sithethe into yokuba unganceda njani,” watsho utata wakhe.

*Le ncwadi iphuhlisa uthando, ubulungisa nentlonipho ebomioni
ngokusebenzisa ukuFunda, ukuThetha nokuBhala kulungiselelwa
abafundi bamaBanga aPhantsi.*



THE **HUMANE** TRUST
EDUCATION
CAPE TOWN SOUTH AFRICA

NatureBased
EDUCATION 
A DIVISION OF THE HUMANE EDUCATION TRUST